



IProjekthi YeeKoeksister: UkweNza iDolophu Yakho Yokomelela Ngokukhawuleza



Yintoni uKomelela NgokuKhawuleza Kwaye Ibonakala Njani Idolophu EyoMelela NgokuKhawuleza?

Xa kuchazwa ke ukomelela ngokukhawuleza: Kukukwazi kwenkqubo, efana noqoqosho lwengingqi okanye loluntu, ukumelana nemeko eyothusayo. Kukukwazi ukuguquka, ukutshintsha, kunye nokucinga ingahlalanga nokuba imeko injani na. Ukomelela ngokukhawuleza ayiyonjongo kodwa yinkqubo, kwaye kufuna ukuba sizifundise ukuziqhelanisa kwangaxeshanye, silungiselela utshintsho. Ngaphezu koko, ukomelela ngokukhawuleza akufanele ukuba kubonwe njengendlela yokuphepha ezona ziphumo zibi kunoko kufuneka kubonwe njengethuba lokutshintsha indlela esiphila ngayo kunye nokudala iimodeli zoqoqosho ezilingana ngokungaphaya ngexa zikhathalele okusingqongileyo.

Iidolophu kunye noluntu olomelela ngokukhawuleza ziindawo ezo banokuphumelela kuzo bonke abahlali – apho sinokuhlangabezana neemfuno zabo bonke abahlali edolophini ngexa zithathela ingqalelo kananjalo iimpembelelo zokusingqongileyo.

Kutheni Sifuna Idolophu EyoMelela NgokuKhawuleza?

I-Covid-19 kunye neemeko zemozulu ezifana neembalela zisifundise ukuba uluntu lwethu alomelelanga ngokwaneleyo ukuba lumelane nezinto ezothusayo kuqoqosho lwethu, ukucinywa kumbane kuba ulondolozwa kunye neemeko ezifana nezikhukula neembalela. Nangaphambi kwayo na i-Covid-19, besinako ukungalingani, intswelangqesho nobuhlwempu. Iinkqubo zethu ezikhoyo zentlalo, zopolitiko azikwazi ukuzilungisa ezi ngxaki.

SingaYenza Njani iDolophu Yethu Ukuba Yomelele Ngokukhawuleza Ngokungaphaya?

Sisebenzisa iKoeksister. IKoeksister yenziwe ngemicu emithathu eyolukwe yadityaniswa kunye.


Kufuneka soluke imiba emithathu kunye ukwenza iKoeksister okanye imodeli yoMzantsi Afrika ukwakha uqoqosho oluzinzileyo kwiidolophu zethu. Le miba mithathu yile:

1. UQoqosho lweDonathi
2. IiDolophu zoTshintsho
3. Ukuhlanganyela nokwabelana



1. UQoqosho LweDonathi

UQoqosho lweDonathi yinkqubosikhokelo okanye indlela yoqoqosho eyenye yokuchonga imingeni yomntu yenkulungwane yama-21, kuhlangelelwa umba wemida okanye iingxaki zeplanethi kokusingqongileyo kwimingeni yethu yentlalo. IDonathi isinika 'uMfanekiso oMkhulu' ukuze siziqonde iingxaki okanye imingeni yethu kwaye sifumane izisombululo kule mingeni, sixhasa ihlabathi elizinzileyo elo banokuphumelela kulo abantu kunye neplanethi.



Isiseko sentlalo kunye nesilingi enxulumene nendalo zibonisa indawo ekhuselekileyo nenobulungisa emntwini.

2. liDolophu zoTshintsho

Umbutho weDolophu zoTshintsho waqala e-UK. liDolophu zoTshintsho zivele kumbutho onxulumene nezolimo kunye nokwenziwa kokuthile kube kokwengingqi, ngexa kuthatha ulangazelelo ekulweleni amalungelo abasetyhini kunye neenkcubeko zemveli.

Umbutho weDolophu zoTshintsho wasekwa ukusabela kutshintsho lwemozulu. Amandla awo alele ekutshintsheni imingeni yomntu ibe yindlela entle yokwenza into entsha nekhethekileyo kwaye ngumbutho woluntu olucinga ngokutsha nolwakha ngokutsha ihlabathi lethu. Bayabuza: “Sicwangciso sini sokuthatha amanyathelo esenza ingqiqo kumxholo wemingeni esinayo, kusetyenziswa imithombo embalwa kangangoko?”



Indlela yombutho weeDolophu zoTshintsho ijolise koku:

- Ukwenziwa kwento ibe yeyengingqi
- Ukomelela ngokukhawuleza
- Iprojekthi zekhabhoni esezantsi
- Imithombo yoluntu
- Imida yendalo (Hayi okwenzuzo yobuqu kuphela)



Inxenye engundoqo yombutho weeDolophu zoTshintsho ibe yiProjekthi ye-REconomy. I-REconomy iphuhlisa izixhobo kunye neendlela zokunceda uluntu luphuhlise izimvo zokuba ingenziwa ibe yeyengingqi kwakhona kanjani na (ukwakha uluntu ngokusekelwe ekuvelisweni kwempahla kwingingqi) imiba engundoqo yoqoqosho lwengingqi. Isebenzisa isixhobo soHlolo loQoqosho, isithi thaca ukuba yingeniso engakanani na kwaye iyimisebenzi emingaphi enokuveliswa luqoqosho olukwingingqi.

Ngokusebenzisa iSixhobo soHlolo soQoqosho se-REconomy, sizama ukuphendula umbuzo olandelayo:

- Hlobo luni lwengeniso kunye namashishini afunekayo kwindawo yoluntu ejolise kwikhabhoni, ekunzima kuyo kwezoqoqosho kwaye engalinganiyo? Singazidala kanjani iimeko zokubeka kwingingqi uqoqosho lweedolophu ezincinane?
- Zeziphi iziphumo ezihle nezibi ezinokuba khona zokubekwa kwakhona kwingingqi koqoqosho lwedolophu?
- Singakunyusa ukususwa kwemali kuqoqosho lwengingqi lweedolophu zaseMzantsi Afrika kwaye siza kukwenza njani oku?
- Kungenzeka ukudalwa kwamathuba emisebenzi ekubekweni kwingingqi kwakhona koqoqosho kwiidolophu zaseMzantsi Afrika?

IiDolophu zoTshintsho: Leliphi iCala esinoKuya Kulo kwiiDolophu eMzantsi Afrika?

IProjethi yeKoeksister iza kujonga imimandla emine engundoqo:

- Ukutya
- Imithombo yamandla
- Ukulungisa amakhaya azilungele ngcono iimeko zemozulu ezimbi ngokugqithisileyo
- Uqoqosho olukhathalela abantu balo



Luya sizosebenzisa ke ulwazi lukawonke-wonke ukuzoba umfanekiso wento enokuxatyiswa licandelo ngalinye ukuba siphuhlisa imfuno yemveliso neenkonzoz ezenziwa ngabantu kunye namashishini engingqi kwaye lusebenzise iinkqubo ezibandakanyeka ekuveliseni ezikufutshane nasekhaya.

Kummandla ngamnye, siza kuchonga ukuba nokudalwa kwemisebenzi, iimpembelelo zezimali kuphuhliso lwengingqi nolommandla, izinto ezithintela ukuba izinto ziveliswe kwingingqi, kunye nalapho ihamba okanye iphuma khona imali kuqoqosho lwengingqi.

3.Yintoni Ukuhlanganyela Nokwabelana?

Ukuhlanganyela nokwabelana kuchazwa njengenkqubo yolawulo okanye indlela uluntu olunokukhathalela ngayo imithombo yalo njengoluntu ngokwalo. Ukuhlanganyela nokwabelana kuchonga imigangatho namasiko asekuhlaleni ekubeni zenziwa njani izinto ukukhathalela imithombo kunye nokuphelisa nokusombulula imbambano. Kukhuthaza abahlali ukuba basebenze kunye nabo baziphethe ngokufanelekileyo kwaye kukwaya abo baziphethe ngokungafanelekanga okanye bangayilandeliyo imithetho ekuvunyelwene ngayo luluntu.



UkuBaluleka KobuHlanganyela Kunye NobuDlelwane BokuHlanganyela

Into enye ekunokwenzeka ukuba iphembelele indlela uluntu lwethu oludlula ngayo kwiintlekele ezinzima luhlobo lobudlelwane phakathi kwamalungu. Okuninzi kuxhomekeke ekubeni ingaba sibonisa ukuziphatha kunye nokusabela okuxhasa ukuziphatha kakuhle okukhuthaza ubuhlobo, ngexa sityhafisa ukusola nokutatazela. Wonke umntu kufuneka aqonde ukuba sikunye koku. Kukutsala kunye kuphela esithemnba ukuba kungasindisa kwaye kukhusele eyona nto ixabiseke kakhulu ngehlabathi lethu, kwaye siphucule ubomi bethu ekuhambeni kwexesha. Umzekelo omhle wobudlelwane bokuhlanganyela yindlela ezisebenza ngayo iinyosi ukugcina indlu yazo isebenza.

UngaBandakanyeka Njani?

Joyina uluhlu lweentlanganiso zeengxoxo ukwabelana ngolwazi, ukwenza izigqibo, kunye nokufaka isandla ekuphuhliseni imodeli ukwenza idolophu yakho yomelele ngokukhawuleza.

Imibulelo

Atkins, P., Wilson, D. & Hayes, S., 2019. Prosocial. 1 ed. Oakland: Context Press.
De Angelis, M., 2019. Commons. In: Pluriverse. New Delhi: s.n., pp. 124-127.
DEAL; Biomimcry 3.8; C40 Cities; Circle Economy, 2020. Creating City Portraits, Oxford: s.n.
Hopkins, R., 2019. Transition Movement. In: Pluriverse. New Delhi: s.n., pp. 317-320.
Hopkins, R. & Thomas, M., 2016. The Essential Guide to Doing Transition, Totnes: Transition Network.
Kothari, A. et al., 2019. Pluriverse- A Post-Development Dictionary. New Delhi: Tulika Books.
Raworth, K., 2017. Doughnut economics: seven ways to think like a 21st century economist. First ed. White River Junction: Chelsea Green Publishing.
Transition Network, 2021. Transition Network



HEINRICH BÖLL STIFTUNG
SOUTHERN AFRICA

Silandele kumaqonga ethu onxibelelwano!



www.thegreenconnection.org.za